


## Isiqulatho


| | | iPhepha |
|---|---|---|
| 1. | Singoobani | 21 |
| 2. | Senza ntoni | 22 |
| 3. | Ngubani owongameleyo | 23 |
| 4. | Imigangatho yethu, indlela esifikelela ngayo kuyo neziphumo eziphunyeziweyo | 24 |
| 5. | Indlela esijonge ukuphucula ngayo iinkonzo zethu | 29 |
| 6. | ISebe kunye nabasebenzi | 29 |
| 7. | Uhlahlo lwabiwo-mali | 30 |
| 8. | Iinkcukacha zoqhagamshelwano | 30 |
| 9. | Singafumaneka phi | 30 |


# 1. Singoobani na

SiliSebe lePhondo lezoThutho neMisebenzi yoLuntu phantsi koRhulumente wePhondo leNtshona Koloni.

**Umsebenzi wethu** kukubonelela ngeenkonzo zokulawulwa kweendawo zokuhlala kunye nepropati kumasebe karhulumente ephondo; ukwakha iindlela nezakhiwo; ukubonelela ngolawulo lwezothutho neenkonzo zezithuthi zikawonke-wonke; kunye nokuququzelela iNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente kwiPhondo laseNtshona Koloni.

**Umbono wethu** njengoko usebenza kuRhulumente weNtshona Koloni, njengoko kugqitywe njalo yiKhabhinethi yePhondo leNtshona Koloni kwaza oku kwashicilelwa kwisiCwangciso sokuSebenza ngoBuchule seSebe sowe- 2010-2014 nesicatshulwe ngasezantsi.

"Ukudala uluntu olunamathuba avulelekileyo ukuze wonke umntu aphile ubomi obungcono obuxabisekileyo."

### Umnqophiso wethu ngulo:

"ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu livelisa kwaye ligcine izibonelelo ezisisiseko ezifanelekileyo neenkonzo ezinxulumene noko ukulungiselela uphuhliso lwezoqoqosho oluzinzileyo olwenza kubekho imisebenzi kwaye lijongana nokuxhotyiswa koluntu nokudala amathuba."

Ukwakha uluntu olunamathuba avulelekileyo ukuze luphile ubomi obuxabisekileyo kulo.



# Ukuvula amathuba kuluntu ngokubanzi, ukwenzela ukuba bakwazi ukuphila ubomi obububo.


## 2. Senza ntoni

Ezona nkonzo ezenziwa leli Sebe kukuzalisekisa uMgaqo-siseko walo, imiThetho kunye neGunya lezoMthetho zibandakanya:

- Ukuququzelela nokuxhasa isicwangciso esihlanganisiweyo
- Ukuxhasa inkqubo yokuphuhlisa abasebenzi
- Ukuthenga nokuthengisa impahla engenakususwa
- Iinkonzo zokulawula ukuphathwa kwepropati
- Iinkonzo zokubonelela ngeendawo zokuhlala
- Iinkonzo zokuqeshisa ngepropati
- Ukuphuhlisa ipropati, ukucwangcisa, ukwakha, ukuphucula nokugcina izakhiwo zisemgangathweni
- Ukucwangcisa, ukuyila, ukwakha, ukulungisa nokugcina iindlela zisemgangathweni
- Ukubhala urekhoda iinkcukacha zeengozi
- Ukuxhobisa abachaphazelekayo kwizithuthi zeendlela
- Ukuququzelela, ukwenza kusebenze kwaye kwenziwe iinkqubo zokhuseleko kuthutho kwakunye nokuzithobela
- Ukukhupha iimpepha-mvume zabasebenzisi bezithuti zikawonke-wonke
- Ukwakha nokugcina emgangathweni amaziko ezempilo nawezemfundo, kunye nezakhiwo ngokubanzi
- Ukubhalisa nokunika iimpepha-mvume zezithuthi
- Ukukhutshwa kweelayisenisi zokuqhuba
- Ukunika iziqinisekiso zezithuthi nokulungela kwazo ukuhamba kwiindlela zikawonke-wonke
- Ukukhupha amaphepha-mvume ezithuthi ezinomthwalo ongaqhelekanga nemisitho eyenziwa kwiindlela zikawonke-wonke
- Ukulawula imithwalo egqithisileyo ethwalwa kwiindlela zePhondo nezeSizwe
- Ukunika abasebenzisi bezithuthi zikawonke-wonke iimpepha mvume
- Ukubhaliswa kwemibutho yabaqhubi ziteksi
- Ukunika uncedo kumaziko karhulumente malunga neeNkqubo ezandisiweyo zeMisebenzi yoLuntu.
- Ukuphuhliswa koonokontraka

URhulumente weNtshona Koloni
EzoThutho nemiSebenzi kaRhulumente

## 3. Ngubani owongameleyo



**NguRobin Carlisle**

UMphathiswa weSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu

UMphathiswa nguRobin Carlisle. Ungumnyulwa wezopolitiko. Unoxanduva lokulawula imisebenzi yeSebe ngokuphathelele kwimigaqo nkqubo karhulumente wePhondo.



**NguJohan Fourie**

INtloko yeSebe

INtloko yeSebe (HoD) nguChristian Johannes Fourie, umsebenzi karhulumente, oqeshelwe ukuqinisekisa ukuba iSebe liyayiphumeza imigaqo-nkqubo yoMphathiswa ngokuchanekileyo nangokugqibeleleyo.

ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu livelisa kwaye ligcine izibonelelo ezisisiseko ezifanelekileyo zikwimo eyiyo kunye neenkonzo ezinxulumene noko ukwenzela uphuhliso lwezoqoqosho oluzinzileyo olwenza kubekho imisebenzi nokuxhobisa uluntu kwanokuveza amathuba.




# Ukuphucula

## 4. Imigangatho yethu - nendlela esiyifikelele ngayo

Imigangatho yeenkonzo zethu ibekwe emva kokuthethana nabathengi. Nantsi imigangatho yeenkozo zethu neziphumo zazo:

### Iinkonzo ezingundoqo nemigangatho yazo:

| Inkqubo yeSebe | Iinkonzo ezingundoqo | Umgangatho wenkonzo | Okuthe kwenziwa ngokwemigangatho |
|---|---|---|---|
| **IiNkonzo zoLawulo lwezoThutho** | **Ukuphucula ukhuseleko kwezothutho nokukhuthaza ukwenziwa kwezothutho okuhlanganisiweyo nokwandisa amathuba okufikelela kwinkonzo zothutho ezikhuselekileyo nezisebenza kakuhle kwiPhondo laseNtshona Koloni nokuxhasa ukuncitshiswa kwenani labalimalayo ngama 50% ngowama- 31 kweyoKwindla ngo-2014** | a) Inani labalimele ezindleleni lihle lifike kwi-1400<br>b) Ngama-269 uphengululo zincwadi ekufuneka lwenziwe ekubhalisweni kwabasemagunyeni, kwamaziko okuvavanya iziqinisekiso zokuqhuba namaziko avavanya izithuthi | a) Li-1476<br>b) Ngama-227 uphengululo zincwadi olugqityiweyo |
| **INkqubo eyaNdisiweyo yeMisebenzi yoLuntu (EPWP)** | **Ukwenza nokuyila iiNkqubo zokuPhuhlisa ubuChule beMisebenzi kaRhulumente eyaNdisiweyo nokwenza kusebenze iinkqubo zesebe lokuphuhlisa isakhono sokwakha** | a) Li-1308 ekufuneka bazuze kwiinkqubo zokuphuhlisa izakhono<br>b) Zi-4 iingxelo ze-EPWP zokubekíesweni ukwenziwa komsebenzi | a) Kubonelelwe amathuba okuPhuhlisa iZakhono zolutsha olungama 730 olungenamsebenzi ngeNkqubo yeNkonzo yoLutsha lweSizwe.<br>b) Zi-4 iingxelo ze- EPWP zokubekíesweni umsebenzi owenziwayo kwi DTPW |




# qhagamshelana

## Amalungiselelo okucebisana nabanikezelwa iinkonzo

**Zeziphi iindlela ezikhoyo zokucebisana nabanikezelwa iinkonzo ukuze kufunyanwe igalelo labo?**

| Uhlobo lwamalungiselelo | Okuphunyelelweyo |
|---|---|
| **Iinkonzo zoLawulo lwezoThutho:**<br>a) iSwitchboard<br>b) Idesika yoNcedo kuMgangatho wesi-2, e-9 Dorp Street<br>c) Inkonzo yokuzibuzela nge-imeyile<br>d) Ukubhalelana nowoNgameleyo<br>e) AmaZiko okuVavanyela iilayisenisi zokuQhuba<br>f) Amaziko okuHlola iziThuthi | a) Iiswitchboard ezisebenzayo kuzo zonke ii-arhente zoomasipala<br>b) Iidesika yoncedo e 9 Dorp Street, eKapa<br>c) Inkonzo yokuzibuzela nge-imeyile ngokusebenzisa iCape Gateway<br>d) Ukubhalelana noHlolayo/noMphathi nabanye abasebenzi abaphambili<br>e) Amaziko okuVavanyela iimpepha-mvume zokuQhuba<br>f) Iziko lokuHlola izithuthi<br>g) Iziko elinceda ngeminxeba eCape Gateway |
| **INkqubo eyandisiweyo yeMisebenzi yoLuntu**<br>a) iSwitchboard<br>b) Idesika yoNcedo e-9 Dorp Street<br>c) Inkonzo yokuzibuzela nge-imeyile zakho<br>d) Ukubhalelana nowoNgameleyo | a) Imibuzo ngefowuni engena kwiZiko lobuChule e-EPWP okanye iswitchboard ye PGWC<br>b) Idesika yoncedo eLong Street ivaliwe zaza iinkonzo zasiwa e-15 Dorp Street phantsi kweSebe loLawulo lokuQuquzelela kwe EPWP<br>c) Imibuzo nge-imeyile engeniswa kumagosa oMmandla oLawulo lokuPhuhliswa kwe-Zakhono<br>d) Imbalelwano eyenziwa ngeDTPW Registry ize igqithiselwe kubaphathi bommandla abafanelekileyo |



inkonzo

## Indlela yokuFikelela kwiNkonzo ekubonelelwa ngazo:

### Iphi le nkonzo kubonelelwa ngayo?

| Icebo lokufikelela | Okuphunyelelweyo |
|---|---|
| **IiNkonzo zokuLawula ezoThutho:**<br>a) Idesika yoNcedo kuMgangatho wesi- 2, e-9 Dorp Street<br>b) AmaZiko okuVavanyela iiLayisenisi zokuQhuba<br>c) AmaZiko okuHlola iziThuthi | a) Iidesika zoncedo e-9 Dorp Street, eKapa<br>b) AmaZiko okuVavanyelwa iLayisensi yokuQhuba<br>c) Izitishi zokuHlola iziThuthi<br>d) AmaGunya aBhalisayo |
| **INkqubo eyandisiweyo yeMisebenzi yoLuntu**<br>a) Idesika yoNcedo eLong Street | a) Idesika yoNcedo eLong Street ivaliwe lwaze uncedo lwasiwa e15 Dorp Street phantsi koLawulo oluQuquzelela i EPWP |



unxibelelwano

## IsiXhobo soLwazi lweNkonzo:

### Ziziphi iindlela ezikhoyo zokunikezela ngolwazi kwabo bafumana iinkonzo?

| Iintlobo zeziXhobo zoLwazi | Okuphunyelelweyo |
|---|---|
| **Iinkonzo zokuLawula uThutho:**<br>a) iWebhusayithi<br>b) isiCwangciso sokuSebenza soNyaka<br>c) INgxelo yoNyaka<br>d) Idesika yoncedo kuMaziko okuVavanyela iiLayisensi zokuQhuba<br>e) Idesika yoNcedo kumaZiko okuHlola iziThuthi | a) iWebhusayithi (yeCape Gateway; Icandelo; leNational eNaTIS)<br>b) isiCwangciso sokuSebenza soNyaka<br>c) iNgxelo yoNyaka<br>d) Iikhawunta zeenkonzo ezisebenzayo kuMaziko okuVavanyela iiLayisenisi zokuQhuba<br>e) Iikhawunta zeenkonzo kwiziTishi zokuHlola iziThuthi<br>f) Amagunya obhalisayo<br>g) Iidesika zoNcedo e -9 Dorp Street, eKapa |
| **Inkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi yoLuntu**<br>a) iWebhusayithi<br>b) isiCwangciso sokuSebenza soNyaka<br>c) INgxelo yoNyaka<br>d) Idesika yoNcedo eLong Street | a) Ukuhlaziywa kweWebhusayithi kuyenziwa phantsi kweCandelo lezoNxibelelwano kwiSebe lezo-Thutho neMisebenzi yoLuntu<br>b) Igalelo kuphuhliso lwezakhono lupapashwe kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka seSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu ngo-2011/12<br>c) INgxelo yoNyaka<br>d) Incwadana ebukhulu bungu A5 Booklet yeenkqubo zeCandelo lokuKhuthaza aBakhi neenkqubo zee-Nkonzo zokuPhuhlisa ibhaliwe yaza yapapashwa<br>e) Idesika yoNcedo eLong Street ivaliwe zaza iinkonzo zasiwa e-15 Dorp Street phantsi koLawulo lokuQuquzelela lwe EPWP |



# idilesi

## INdlela yokufaka izikhalazo:

**Zeziphi iindlela ezikhoyo ezinokusetyenziswa ngawenzelwa iinkonzo ukusombulula iingxaki, izikhalazo okanye xa befuna ukuncoma?**

| Indlela yokufaka izikhalazo | Okuphunyelelweyo |
|---|---|
| **Iinkonzo zokulawulwa koThutho:**<br>a) iSwitchboard<br>b) Idesika yoNcedo kuMgangatho wesi-2, kwa-9 Dorp Street<br>c) Inkonzo yokubuza ngee- imeyile zakho<br>d) Ukubhalelana noMlawuli/uMphathi<br>e) Idesika yoncedo yamaZiko okuVavanyela iiLayisenisi zokuQhuba<br>f) Idesika yoncedo kumaZiko okuHlola iziThuthi | a) Amancedo asebenzayo kuwo onke amaziko kamasipala<br>b) Iidesika zoncedo e 9 Dorp Street, eKapa<br>c) Inkonzo yokubuza nge- imeyile zakho kwi Cape Gateway<br>d) Imbalelwano noMlawuli/uMphathi nabanye abasebenzi ababalulekileyo<br>e) Idesika yoncedo kumaZiko okuVavanyela iiLayisenisi zokuQhuba<br>f) Ikhawunta yeenkonzo kumaZiko okuHlola iziThuthi<br>g) IZiko lemiBuzo kwiCape Gateway<br>h) Iikhawunta zeeNkonzo kumaGunya aBhalisayo |
| **INkqubo eyandisiweyo yeMisebenzi yoLuntu**<br>a) iSwitchboard<br>b) Idesika yoNcedo eLong Street<br>c) Inkonzo yokuzibuzela nge-imeyile<br>d) Ukubhalelana nowoNgameleyo | a) Imibuzo ngefowuni engena kwiZiko lobu-Chule eEPWP okanye iswitchboard ye PGWC<br>b) Idesika yoncedo eLong Street ivaliwe zaza iinkonzo zasiwa e15 Dorp Street phantsi kweSebe loLawulo lokuQuquzelela lwe EPWP<br>c) Imibuzo nge-imeyile engeniswa kumagosa oMmandla oLawulo lokuPhuhliswa kweZakhono<br>d) Imbalelwano eyenziwa ngeDTPW Registry ize igqithiselwe kubaphathi bommandla abafanelekileyo |

# 5. Indlela esijonge ukuphucula ngayo iinkonzo zethu

Ukuze siqhube siphucula iinkonzo zethu isiCwangciso sokuPhucula ukuBonelela ngeeNkonzo ezinemigangatho yokubonelela ngeenkonzo siyahlaziywa unyaka nonyaka njengoko ifuna njalo imiMiselo yeNkonzo kaRhulumente.

Ukwakheka kweSebe kuyahlaziywa kwaye kuza kulungiselelwa ukuba kufezekise iimfuno zeeNjongo zokusebenza zePhondo. Iinjongo kunye nenjongo zokuceba iSebe. Ukwakheka okuhlaziyiweyo kuya kuqala ukusebenza ngonyaka mali ka- 2012/13.


Kwakhona ngo-2012/13 siceba ukuphucula ngakumbi iinkonzo zethu:

- Ngokuphuhlisa iTshata yeSebe yokuBonelela ngeeNkonzo.
- Ngokuphuhlisa ikomiti eququzelelayo yesebe eyasekelwa ukuphucula ukubonelela ngeenkonzo.
- Ngokuphucula isiCwangciso sokuPhucula ukuBonelela ngeeNkonzo.

IsiCwangciso sokuPhucula ukuBonelela ngeeNkonzo, isiCwangciso sobuChule bokuSebenza, isicwangciso soNyaka sokuSebenza neNgxelo yoNyaka ngamaxwebhu karhulumente, apapashwa kwiwebhusayithi yethu (www.westerncape.gov.za) kwaye ayafumaneka naxa ecelwa.

**Ulwazi lohlanga nesini:**

**Abasebenzi ngokohlanga**




**Abasebenzi ngokwesini**




Qaphela: Abasebenzi ngokohlanga bangaphezulu kwabasebenzi bamanye amazwe (beboke 15).

# 6. ISebe lethu nabasebenzi

### Siqesha abasebenzi abali-1 631 kwezi ndawo zilandelayo:

| Indawo | Bebonke |
|---|---|
| EKapa | 991 |
| ECeres | 120 |
| EGeorge | 27 |
| EOudtshoorn | 221 |
| EPaarl | 272 |
| **BEBONKE** | **1 631** |



### IiLwimi ezithethwa ngabasebenzi ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2011:

| Ulwimi | Zizonke |
|---|---|
| IsiBhulu | 639 |
| IsiNgesi | 734 |
| IsiJamani | 1 |
| IsiSotho saseMantla | 2 |
| IsiSotho | 4 |
| IsiTsonga | 1 |
| IsiTswana | 2 |
| IsiVenda | 1 |
| isiXhosa | 247 |
| **ZIZONKE** | **1 631** |

# 7. Uhlahlo lwabiwo-mali lwethu

**Uhlahlo lwabiwo-mali lwalungama-R4 000 096 000 kunyaka ophelileyo (ngo-2010/11). Nantsi indlela esiyichithe ngayo:**

| Inkqubo eyenziweyo | Inkcitho ngo- 2010/11 R'000 |
|---|---|
| Imbuyekezo | 342 187 |
| Impahla neenkonzo | 1 117 056 |
| Utshintsho nezibonelelo | 987 570 |
| Izinto eziyintloko zokuhlawula kwamatyala | 1 360 610 |
| Ukuhlawulela izinto ezinexabiso | 431 |
| Inzala nemali yokuqeshisa ngomhlaba | 32 |
| **Iyonke iNkcitho** | **3 807 886** |

**Uhlahlo lwabiwo-mali ngeNkqubo nganye yayinje:**

| Inkqubo eyenziweyo | Inkcitho mali 2010/11 R'000 |
|---|---|
| Inkqubo yoku-1: Ulawulo | 152 290 |
| Inkqubo yesi-2: Imisebenzi kaRhulumente | 884 096 |
| Inkqubo yesi-3: Ukwakheka kweeNdlela | 1760 217 |
| Inkqubo yesi-4: Izithuthi zikaWonke-wonke | 744 513 |
| Inkqubo yesi-5: ULawulo lwezoThutho | 25 128 |
| Inkqubo yesi-6: I-EPWP | 41 642 |
| **Iyonke iNkcitho** | **3 807 886** |

# 8. Iinkcukacha zoqhagamshelwano

**IMIBUZO NGOKUBANZI:**

Umnxeba: 021 483 4391
IFeksi: 021 483 8755

**INTLOKO YESEBE:**

Umnxeba: 021 483 8956
IFeksi: 021 483 5068
I-imeyile: Johan.Fourie@pgwc.gov.za
Amanqaku: INtloko yeSebe: Johan Fourie

**UNOBHALA:**

Umnxeba: 021 483 8956
I-imeyile: Annje.Kleynhans@pgwc.gov.za
Amanqaku: UNobhala: Annje Kleynhans

**I-OFISI EYINTLOKO:**

Umnxeba: 021 483 3959
I-imeyile: Sharonette.Webb@pgwc.gov.za
Amanqaku: INtloko ye-Ofisi: Sharonette Webb-Olivier

**ELEZONXIBELELWANO:**

Umnxeba: 021 483 4391
IFeksi: 021 483 9471
I-imeyile: Simon.Maneli@pgwc.gov.za
Amanqaku: INtloko yoNxibelelwano: Simon Maneli

# 9. Singafumaneka phi

## I-OFISI EYINTLOKO:

Idilesi yesitalato:
8th Floor, 9 Dorp Street, eKapa, 8000

Idilesi yePosi:
Private Bag X9185 eKapa 8000

**Iziko loNcedo eliLawulayo kwiPhondo:**
Idesika yoNcedo: 021 483 0216

**Iziko leeNkonzo ekwabelwana ngazo eVangate:**
Idilesi yePosi: Private Bag X8 Goodwood 7460

## II-OFISI ZOMMANDLA:

**ECeres:**
Idilesi yePosi: Private Bag X2 Ceres 6835
Umnxeba: 023 312 1120

**EGeorge:**

**Imisebenzi kaRhulumente:**
Idilesi yePosi: Private Bag X6503 George 6530
Umnxeba: 044 805 8700

**Iziko loNcedo eliLawulayo kwiPhondo:**
Idilesi yePosi: Private Bag 6512 George 6530
Umnxeba: 044 802 3700

**EOudtshoorn:**
Idilesi yePosi: Private Bag X617 Oudtshoorn 6625
Umnxeba: 044 272 6071

**EPaarl:**
Idilesi yePosi: Private Bag X6003 Southern Paarl 7624
Umnxeba: 021 863 2020

